



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2010

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – IPHEPHA LOKUQALA

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali – 9.

Akuvumelekanga ukulifotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

IMIYALELO

1. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.
2. Qala iCandelo ngalinye ephepheni elitsha uze ukrwele umgca emva kweCandelo ngalinye.
3. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho.
4. Bhala ngokucekileyo nangokucacileyo zonke iimpendulo zakho unombola ngendlela esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
5. Nika ingqalelo eyodwa kuPELO nendlela owakha ngayo IZIVAKALISI zakho.

QAPHELA:

Eli phepha lahlulwe langamacandelo AMATHATHU ami ngolu hlobo:

ICANDELO A: – UVAVANYO LOKUQONDA	(30)
ICANDELO B: – USHWANKATHELO	(10)
ICANDELO C: – UKUSETYENZISWA KOLWIMI	(40)

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo. Umthamo wempendulo mawulawulwe linani lamanqaku.

ISICATSHULWA

ABANTU BABALULEKILE

Inyaniso emsulwa kukuba wonke umntu unexesha lokufuna uncedo lomnye umntu.

1. Kukho umntu owathi xa ethetha ngendoda engusomashishini wathi, le ndoda izakhele ubutyebi. Wayethetha ukuthi akazalwanga lusapho olutyebileyo kwaye akazange afumane maqithi-qithi eselula. Endaweni yoko wasebenza nzima ukuze afike kwindawo akuyo namhlanje.
2. Kodwa ndathi xa ndicinga: ingaba ngenene ke ikhona indoda ezakhela impumelelo yodwa? Andiqondi! Hayi ayikho indoda ephumelela ngaphandle koncedo lwabanye abantu. Amahlwempu ayazidinga izityebi, kodwa ngokunjalo nezityebi ziyawadinga amahlwempu. Abantu abaninzi abasweleyo bazithiyile izinhanha; kuba bacinga ukuba zinyolukile kwaye zinobuqhophololo. Kodwa ngoobani abaza kuza nemisebenzi baxhase nabasweleyo? Kusenokuba yinyani ukuba izityebi ezininzi zinyolukile kwaye zinobuqhophololo, kodwa kuyinyani nokuba abantu abaninzi abazizityebi banyanisekile, kwaye ngabantu abamoyikayo uThixo.
3. Ezinye izityebi zibajongela phantsi abantu abangathathi ntweni, kodwa ikwangaba bantu abasweleyo abaya kubanceda babaqhubele izithuthi, babacocele **izindlu**, babagcinele nabantwana. Inyaniso ngobomi kukuba umntu ngumntu ngabantu. Ndifumanise ukuba abantu babalulekile ngaphezulu kwemali nezinto. Inkosi uYesu ayizange ixabise izixhobo, izindlu, iimoto nezinto. Yachitha ubomi bayo namadoda ali-12 amadoda atshintsha ilizwe avelisa ubutyebi ongasoze ubuqonde ngengqondo yakho. Ubutyebi bokwenene ebomini bubudlelwane onabo nabantu.
4. Kubalulekile ukuba nabahlobo ngaphezulu kwemali. Isizathu sicacile, kaloku xa unabahlobo bokwenene uya kusoloko unemali. Imali ayinako ukuthenga ubuhlobo. Jonga ubomi babantu abaphumeleleyo. Kukho umntu owabathandayo, wabathemba wabanika ithuba. Ndikhumbula igqala kwezomculo uQuincy Jones exelela u-Oprah Winfrey owayengekadumi kangako ngelo xesha: “Ikamva lakho liqaqamba kakhulu”. NguThixo kuphela owayesazi ukuba loo mazwi aya kubuchaphazela kangakanani na ubomi bale kumkanikazi yeenkqubo zeencoko. Ndiselula ndandicinga ukuba ndingaphumelela ngaphandle koncedo lwabanye abantu, ngenxa yezo ngcinga ndashiya abahlobo abaninzi.

5. Inyaniso kukuba nokuba yintoni uThixo aceba ukuyenza ngobomi bakho uza kuyenza esebenzisa umntu ofana nawe kuba abantu zizandla zakhe, bakwangumlomo neenyawo zakhe. Xa uThixo efuna ukonyusela umntu ubeka omnye ecaleni kwakhe. Izivumelwano zamashishini zezigidi zeerandi zinikezelwa zamkelwe ngabantu, ngoko ndicinga ukuba lixesha lokuba sixabise abantu nobudlelwana bethu nabo.
6. Ingaba uyaqonda ukuba kukho umntu osebomini bakho sithetha nje onganefuthe kwindlela oyithabathayo ebomini kwixesha elizayo? Kwelinye icala, ikamva lomntu othile lisezandleni zakho, ulonwabo lwakhe luxhomekeke kuwe. Impumelelo yomntu othile ixhomekeke kuwe! Unoxanduva olukhulu! Ebomini uyanika wamkele, kwaye sonke simele ukuba nobudlelwane kula manqanaba mathathu. Okokuqala, ngabantu abangaphezulu kwethu: abazali, abefundisi, iititshala, abaphathi, abaqeshi, abaqeqeshi bethu njalo-njalo. Impumelelo yethu ixhomekeke kwimo yobudlelwane bethu naba bantu.
7. Okwesibini, ngabantu abalingana nathi: abahlobo, oogxa basemsebenzini namaqabane. Okokugqibela ngabantu abangaphantsi kwethu: abantwana abajonge kuwe, bafundi, njalo-njalo. Sifunda kwaye sifumane inkuthazo kwabo bangaphezulu kwethu, sabelana ngolwazi sikhuthazane nabo balingana nathi, ukuze sifundise abo bangezantsi kuthi. Udalelwe ukuba nobudlelwane obunentsingiselo nobakhayo ebomini. Funda ukubathanda abantu. Khumbula, wonke umntu uyalufuna uncedo lomntu ngamaxesha athile akukho nkomo edla yodwa.

[BONA XHOSA, April 2010 Iphepha 99]

- 1.1 Kubaluleke ngantoni ukuba nabantu ebomini bakho? Chaza (2)
- 1.2 Chonga imigca kwisicatshulwa apho umbhali athi angqine ukuba wonke umntu ungumntu ngomnye umntu. (2)
- 1.3 Nika izizathu zibe ziBINI ezibangela ukuba abantu abasweleyo bangazithandi izityebi. (2)
- 1.4 Nika isithetha-ntonye segama 'isininhanha'. (1)
- 1.5 Bobuphi obona butyebi bokwenene? (1)
- 1.6 Abantu abazizityebi abanyanisekanga: Ingaba uyavumelana nolu luvo? Xhasa impendulo yakho ngemizekelo. (2)
- 1.7 Babebangaphi abafundi bakaYesu? (1)
- 1.8 Ingoma ethi umntu ngumntu ngabantu iculwa yeyiphi imvumi? (1)

- 1.9 Ayethethwa ngubani amazwi awathi achaphazela ubomi bukaOprah? Ayesithini lo mazwi? (2)
- 1.10 Izindlu ezinkulu nemali eninzi zixabiseke ngaphezulu kunomntu: Ingaba yinyani okanye asiyonyaniso? Xhasa impendulo yakho ngomzekelo ungasebenzisa izimvo zakho. (2)
- 1.11 Nika isinciphiso segama elibhalwe ngqindilili kwisitanza sesithathu. (1)
- 1.12 Yiyiphi impazamo eyenziwa ngumbhali ngelixa wayeselula? Zaba yintoni iziphumo zaloo mpazamo? (2)
- 1.13 Nika amanqanaba obudlelwane abe MATHATHU. (3)
- 1.14 Yakha isibizo esisingisele emntwini ngegama “ukunyoluka” (1)
- 1.15 Ubudlelwana obakhayo bobunjani? (1)
- 1.16 Nika intsingiselo yesaci “inkomo edla yodwa”. (1)
- 1.17 Kweli xesha langoku zinto zini ezithi zibe nefuthe elibi kwizimo zolutsha? Nika zibe MBINI. (2)
- 1.18 Nika intsingiselo yala mabinzana angezantsi:
(i) igqala
(ii) ubuqhophololo
(iii) amaqithi-qithi (3)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

- Funda esi sicutshulwa singezantsi wandule ukusishwankathela ngamazwi akho ungadluli kumagama angama-50 – 60.
- Bhala inani lamanqaku ekupheleni kwesishwankathelo.
- Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo.

Ulwabiwo lwamanqaku:

- Khupha iingongoma ezisixhenxe (7)
- Ukusebenzisa ulwimi oluchanekileyo (3)

Qaphela: uza kohlwaywa xa ungayenzanga le miyalelo ingasentla.

Abantu abaninzi bayazakhela baziqikelele abantu abafuna ukuba ngabo ekugqibeleni bambi babona bantu bathile bakhethe ukulandela ekhondweni labo, bebalinganisa, befuna ukufana nabo ekugqibeleni. Uya kumva umntu maxa wambi esithi, “ubani ngumntu ongumzekelo kum (role model)”.

Kuba luchulumanco ke kwakuqapheleka ukuba lowo utyunjiweyo ngenene ungumzekelo eluntwini. Siye siqwenene ukuba abe utyunjwe ngabantu abaninzi ukuze kwakheke izimilo zabantu abaninzi besizwe sethu.

Abantu banezinto ezahlukeneyo abazithandayo ebantwini. Abanye baya kutyumba umntu ongumzekelo ngenxa yendlela anxiba ngayo, athetha ngayo, ahamba ngayo, enza ngayo izinto njalo-njalo. Nazi ezinye iimpawu ezingakuncedisa nawe ekukwakheni ukuze ube ngummi woMzantsi Afrika ogqibeleleyo. Kukho abantu abathi ukuze kusombululeke iingxaki zabo babe basonjululelwe ngabanye abantu. Kufuneka ukwazi ukusombulula ingxaki zakho ungalindeli okanye ulinganise abanye abantu ukuze uthathe isigqibo. Ukuze uthathe isigqibo esisiso kufuneka uzikise ukucinga, ungalandeli umsinga.

Akukho mntu ungumntu yedwa. Ade athi amaXhosa ukuzalwa wedwa ngumlu wenyama kuba akubikho mntu wokukunceda. Ummi ogqibeleleyo ke ngulowo ukwaziyo ukusebenzisana nabanye abantu abe yimbumba, kufunqulwe ngamxhelo mnye xa kusenziwa into, umntu angabi ngumntu omi phezu kwentaba yedwa.

Banqabile abantu abathembekileyo emisebenzini. Ummi ogqibeleleyo uyakwazi ukucwangcisa izinto zakhe azilawule yena siqu, engalandelwa. Ingxaki ebalaseleyo eluntwini olumnyama kukulawula ixesha ndiqonde phofu ukuba kungekabikho ziwotshi ixesha lalijongwa elangeni. Amaxesha ngamanye ke ngoku ixesha lixabisekile, imizuzu embalwa odlale ngayo kuninzi olahlekelwa kuko. Licwangcise ixesha lakho ngokwezinto ozenzayo. Nyaniseka kwisicwangciso sakho ukuze uphumelele nasemsebenzini oza kuwenza. Wakuba unyanisekile uya kuthembeka uze usebenze ngempumelelo.

[*Singcamla Inggaka*, Ibanga12 Iphepha 191]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

Jongisisa lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[BONA XHOSA, APRIL 2010]

- 3.1 Khetha igama elinye lesiXhosa kula angezantsi ezibizwa ngalo izinto ezisengalweni nasemqaleni wale ntombi isemfanekisweni ongentla.
- (i) izaci
 - (ii) izacholo
 - (iii) izici
- (1)
- 3.2 Nika isinye seli gama lilandelayo:
- (i) iibhengile
- (1)

- 3.3 Chonga isichazi kulo mfanekiso ungentla unike nodidi lwaso. (2)
 - 3.4 Isimamva u-kazi kwigama u 'okwehenyukazi' senze msebenzi mni kwela gama? (1)
 - 3.5 Chonga isafobe unike nodidi lwaso kulo mfanekiso ungentla. (2)
 - 3.6 Igama "ndinomntwana" loluphi udidi lwesibanjalo? (1)
 - 3.7 Khupha isibizo sibe siNYE esibolekwe kwezinye iilwimi. (1)
 - 3.8 Ibinzana elinegama "endincuma nayo" lisisihlonipho saliphi igama? (1)
- [10]**


UMBUZO 4

Fundisisa le ntetho ilandelayo uze unike iintsingiselo ezimbini ezahlukeneyo zamagama abhalwe ngqindilili.

Kulo katata uMandelala **umzi** uhlangana noomama besitya **umzi**. Unikwa **iqatha** lokosula nje umlomo abe **amaqatha** wona exwebe ngathi ubuhlamba ngodaka. **[4]**

UMBUZO 5

Fundisisa le ntetho ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 5.1 Bhala amagama apheleleyo ezifinyezo ezikwibhokisi yokuqala, yesibini neyesihlanu. (3)
- 5.2 Chonga isihlomelo kwibhokisi yokuqala unike nodidi lwaso. (2)

- 5.3 Igama ‘uhlalela’ okwibhokisi yesithathu unika yiphi intsingiselo? (1)
- 5.4 Tshintsha intetho ekwibhokisi yesibini ibe kwimo elandulayo. (1)
- 5.5 Chonga igama elihlanganisa izivakalisi ezibini kule ntetho ingentla. (1)
- [8]**

UMBUZO 6

Lungisa le ntetho ilandelayo ngokuthi ulungise iimpazamo ukuze inike intsingiselo eyiyo.

Yhe Umfo! Uyamazi ukuba uSmumu wabambwa egibela itreyini eya egoli Oonogqayi bambetha oogqirha nezicaka. Waya wajonga netyala lokuqhekeza, Nangona yena engaqhekezanga. Bamkhupha abazali emjiva emva kweentsuku. **[9]**

UMBUZO 7

Qwalasela lo mhlathi ulandelayo uze unike igama elinye endaweni yaloo nkcazelo ikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Umphathi weqela iBafana Bafana **ungumntu ococekileyo**. Uyakhathazwa ngamabhinqa kuba **akanankosikazi**. Awayazi nento ayifunayo ngoba **uyavimba**, kwaye **akakwazi nokucula**. **[4]**

UMBUZO 8

Yakha iqhalo okanye isaci ngegama elikwizibiyeli elisekupheleni kwesivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo.

- 8.1 Musa ukuhleka abanye abantu ngoba nakuwe iyeza le mini. (**inkungu**)
- 8.2 Umntu uyaludinga uncedo lomnye umntu ukuze naye ancedakale. (**intaka**)
- 8.3 Uziva zonke iindaba zabahlobo xa kuthe kwaxatyanwa. (**isisila**)
- 8.4 Akekho umntu owoyiswayo ziingxaki zakhe. (**indlovu**)
- 8.5 Abafunani abantu baseBhayi nabaseRhini. (**inyoka**) **[5]**

AMANQAKU ECANDELO C: 40

EWONKE AMANQAKU: 80